


# INGABA IKWENZE **WOYIKA** LE NTO YENZEKILEYO?

Izinto ezoyikisayo okanye ezimbi zikholisa ukumana zisenzeka emhlabeni. Zisenokuchaphazela abantu abaninzi, oko kudibanisa abefemeli yakho, abekhaya lakho ukutsho oko. Xa kusenzeka izinto ezimbi kuyindalo ukuba uzive usoyika okanye ude ube nomsindo. Abantu basenokuba baye bafa, bonzakala okanye beva kabuhlungu ngendlela ezithile. Kuyaqondakala ke ukuba uthi uzive ungenakuzinceda okanye ucaphuke. Le meko ibonakala ingalunganga! Usenokuba woyika ukuba kuza kwenzeka enye into.

Usengaziva ulusizi kwaye ufune nokulila. Ngamanye amaxesha ukulila kukwenza uzive bhetele. Musa ukuba neentloni. UThixo omnye oyinyaniso kwanophilayo uyazi ukuba uziva njani kwaye uyaqonda. Uba lusizi naye xa kusenzeka izinto ezoyikekayo.

Nantsi ke eminye yemibuzo onokuba unayo:

Ingaba uThixo uyandazi kwaye uyandikhathalela?

Kutheni kusenzeka izinto ezininzi ezimbi kangaka emhlabeni?

Kutheni uThixo evumele ukuba kwenzeke le nto?


Ndingaphumela ndidlule njani kweli xesha loyikekayo ?

Zeziphi ezinye zezinto okwakhathazekileyo ngenxa yazo khona ngoku?  Zibhale kwibhokisi elapha ngasezantsi:

Copyright © 2002, 2012 Child Evangelism Fellowship Inc. Translation © 2020 CEF. All rights reserved. *Do you wonder WHY* in the Xhosa language. Not to be resold.

# INGABA UTHIXO UYAZI NGAM KWAYE UYAKHATHALA **NGAM?**

Ewe! UThixo ophilayo uyazi ngawe kwaye uyakhathala ngawe. Wazi yonke into. UThixo wadala ihlabathi lonke kwaye wazi okwenzeka kwindawo nganye apha emhlabeni – akhonto emothusayo. Uyazi ngeengozi, iimfazwe nokudubulana okwenzekayo. Uyazi ngeenkqwithela ezoyikekayo, izikhukula *(iimvula ezinkulu ezina ngamandla)* kwaneenyikima *(ukushukuma komhlaba)*. UThixo uyazi ngokwenzeka kuwe nakwifemeli yakho kwabekhaya lakho. Uyakhathala ngento oyicingayo kwanangendlela oziva ngayo. Uyayazi imibuzo esengqondweni yakho. Kungaba ngathi akhomntu uqonda kakuhle oko kwenzekayo nophakathi kwako ebomini bakho, kodwa uThixo uyakuqonda. Bhala apha kule migca engasezantsi into oyicingayo okanye indlela oziva ngayo ngento eyenzekileyo.



Akakwazi nje kuphela uThixo, uyakuthanda kungakhathaliseki nokuba ucinga ntoni kwanokuba uziva njani. EBhayibhileni uThixo uthi ukuthanda ngothando olungasokuze luphele. (UYeremiya 31:3). UThixo wakwenza kwaye ukwazi bhetele kunaye nabani na okwaziyo. Mhlawumbi awukaze ucinge kakhulu ngoThixo kodwa yena uyacinga ngawe. Ufuna ukuba wazi ukuba uselulawulweni, ulawula izinto zonke, nkqu naxa kungabonakali njalo. Nangona kusenzeka izinto ezikhohlakeleyo apha ehlabathini, uThixo ulunge ngokupheleleyo. Akaze enze nantoni na engalunganga. Ungcwele – ugqibelele kwaye umsulwa *(akukho sono tu kuye)*. Ungamthemba uThixo uthembele kuye nkqu naxa zonke izinto ezikujikelezileyo okanye ebomini bakho zimbi – *(kungemnandanga konke).*





# KUTHENI LE NTO KUSENZEKA **IZINTO EZININZI EZIMBI** KANGAKA EMHLABENI?

Kutheni kukho iintlekele *(izinto eziyingozi okanye ezonakalisayo)* ezinjengemililo nezikhukula? Kutheni kusiliwa kwaye kufiwa? Izinto ezimbi ezinjengezi zazingasoloko zikho. Ekulidaleni kwakhe uThixo ihlabathi, walenza laba leligqibeleleyo, lelilungileyo. Yonke into yayintle kwaye ilungile. Kwenzeka ntoni? Kutheni le nto izinto zonakalayo?

Obu bubi baqala ngexesha abantu bokuqala ngqa apha emhlabeni bakhetha ukungamthobeli uThixo. Endaweni yokuthobela uThixo, basuka benza ukuthanda kwabo. Ukungamthobeli uThixo sisono. Sathi sakungena isono ehlabathini, sonakalisa indalo kaThixo eyayigqibelele. Zaqala ke ngoku ukwenzeka izinto ezimbi kwindalo kaThixo – izinto ezinjengemimoya evuthuza ngamandla, iinkanyamba kwakunye neenyikima. Iintlungu kwanokufa kwangena ehlabathini ngenxa yesono.

Okubi nangakumbi, ukusukela kwelo xesha wonke umntu ozalwayo uzelwe enesono. Ngenxa yesono, abantu benza izinto ezivisa abanye ubuhlungu.

Sukuzibeka ityala *(sukuzisola)* nangayiphina indlela ngenxa yeenkqwithela okanye iinyikima. Umntwana makangazibeki tyala *(makangazisoli)* ukuba abazali bakhe bayahlukana. Asilotyala lakhe. Kodwa wena nam senza izinto ezingamkholisiyo uThixo kwaye izono zethu zisahlukanisa zisigcine kude noThixo ogqibeleleyo, ekungekho sono tu kuye. Kukho ubuhlungu kwanokufa ngenxa yesono. IBhayibhile ithi isono sangena ehlabathini saza sazisa ukufa kunye naso (KwabaseRoma 5:12).

Zintoni izinto ongazicingayo ezisisono?

____________________________________________________

____________________________________________________

Isono sizisa izinto ezininzi ezimbi emhlabeni kodwa uThixo uhleli eselulawulweni, uyalawula. Nguye owenza isigqibo ngento amakayivumele naleyo angayi kuyivumela ukuba yenzeke.





# KWENZEKE NJANI UKUBA UTHIXO **AVUMELE** UKUBA YENZEKE **LE NTO**?

Ngamanye amaxesha uThixo uvumela ukuba izinto ezimbi esingaziqondiyo zenzeke. Ezi zinto ziziphumo zesono. UThixo unawo amandla okuyekisa abantu ukwenza izinto ezisisono kodwa ubanike inkululeko yokuba bazikhethele – nkqu ukuzikhethela okubi. UThixo ukwanamandla naphezu kwendalo, kananjalo, kodwa akasoloko enqanda ukuba kungabikho iinkqwithela okanye imililo eyingozi neyonakalisayo.

Nakubeni isono sibangela ukuba kwenzeke

izinto ezimbi ezoyikekayo, uThixo unako ukwenza okulungileyo kuphume kwezo zinto. Abantu bakholisa ukuqalisa ukukhathalelana. Inxenye yabantu isenokude ibeke ubomi babo emngciphekweni ukusindisa ubomi babanye.

Okubaluleke nangakumbi, abantu basenokuqalisa ukucinga ngakumbi ngoThixo kwanoko akuko ebomini babo. Zintoni izinto ezilungileyo obone abantu bezenza xa kwenzeke nto ithile embi?

UThixo uselulawulweni, uyalawula nakubeni kusenokuba ngathi akanjalo. Akusokuze uqonde ukuba kutheni uThixo evumele le nto ukuba yenzeke. Kodwa ungayazi into yokuba ngeli xesha usiva ubuhlungu, naye uva buhlungu. UThixo ukhona kweli xesha libi loyikekayo. Uyaqonda xa ngaba ulusizi okanye ubhidekile. Uyazi kwaye uyakhathala ngento ekuvisa ngohlobo oziva ngalo. Uyakuthanda. Xa uThixo evumela into enjengale ukuba yenzeke, ufuna ukungena kuyo kunye nawe.



# NDINGAPHUMELA NJANI KWELI **XESHA LIBI** LOYIKEKAYO?

Nokuba sekusenzeka ntoni, uThixo unako ukukunceda ukuba udlule uphumele ngaphaya kwalo. Ukuba uthi ube ngumntwana wakhe, uya kukukhathalela njengenxalenye yefemeli yakhe *(njengomnye wabekhaya lakhe)*. UThixo akafani nootata basemhlabeni – ugqibelele *(akukho sono tu kuye)*. Ufuna ukuba nguBawo wakho osezulwini kwanokuba akuthuthuzele phakathi kweli xesha linzima.

UThixo uhlala ezulwini, ikhaya lakhe eligqibeleleyo. UNyana wakhe okukuphela kwakhe uhlala phaya naye. Ngenxa yokuba uThixo engcwele akanako ukungasihoyi isono esisehlabathini. Isono kufuneka sohlwaywe, *(sipanishwe)*. IBhayibhile isixelela ukuba isohlwayo sesono kukufa (KwabaseRoma 6:23). Ukufa kuthetha ukwahlukaniswa noThixo ngonaphakade endaweni embi eyoyikekayo. Icebo likaThixo lokukhathalela ingxaki yesono yaba kukuba athumele uNyana wakhe ukuze athabathe isohlwayo esifanele wena nam.

UThixo wathumela uNyana wakhe uYesu emhlabeni enjengosana. Ngenxa yokuba enguNyana kaThixo, uYesu kuphela kwakhe qha ongazange enze sono. Njengokuba wayekhula, akazange enze nantoni na engalunganga. Kwaza kwafika imini kuYesu awathi ngayo wathabatha isohlwayo sezono zakho.

UThixo uyaziqonda izinto ezimbi ezoyikisayo ophakathi kwazo kuba naye ngokwakhe weva iintlungu. Wayebukele njengokuba amadoda ayembamba uNyana wakhe aza bambethelela emnqamlezweni. UYesu weva iintlungu naye. Laphalala igazi lakhe waza wafa oko kufa kubi kubuhlungu ngendlela engenakucaciswa. UThixo wayesazi ukuba le yayikuphela kwendlela izono zakho ezazinokuthi zixolelwe ngayo.
(KumaHebhere 9:22)



UYesu wayezinikele ekuveni iintlungu kwanokuba afe efela wena. IBhayibhile ithi uYesu wafa emnqamlezweni, wangcwatywa kwanokuba ngosuku lwesithathu uThixo wamvusa ekufeni (1 KwabaseKorinte 15:3-4. Siyazi ukuba yinyaniso le kuba abantu abaninzi bambona uYesu ephilile emhlabeni phambi kokuba abuyele ezulwini ayoba kunye noThixo uYise. Uyaphila ezulwini namhlanje.

Icebo likaThixo lokuthumela uNyana wakhe libonisa indlela akuthanda kakhulu ngayo! Ufuna ukuba ube yinxalenye yefemeli yakhe *(yekhaya lakhe)*.



# UNGABA YINXALENYE **YEFEMELI KATHIXO** NJANI?

IBhayibhile isixelela ukuba nabani na othi amkele uYesu, ekholwa kwigama lakhe, uba ngumntwana kaThixo (UYohane 1:12). Ukuthembela kuYesu kuthetha ukukholwa kuye ukuba wakufela ukuze ukwazi ukuxolelwa izono. Ukuba uthi ukholwe kuYesu njengokukuphela kwakhe ongasindiswa ngaye ezonweni zakho, uThixo uya kukutshintsha akwenze ongowakhe umntwana. Uyakholwa kuYesu? Ungasebenzisa amazwi anjengala ukumxelela loo nto uThixo:

*Nkosi Thixo endimthandayo, ndiyazi ukuba ndenze isono kwaye ndidanile. Ndiyakholwa ukuba uYesu nguNyana wakho,owandifelayo waza wabuya wavuka waphila kwakhona. Ndiyamamkela uYesu abe nguMsindisi wam. Ndiyabulela ngokundenza umntwana wakho. Egameni likaYesu. Amen.*

Wakuba umamkele uYesu wanguMsindisi wakho, izono zakho ziyaxolelwa uze ube ngumntwana kaThixo. Ukuba uyakholwa kuYesu namhlanje, ungabhala igama lakho kunye nomhla emgceni ongasezantsi. Le nto iza kukunceda ukuba ukhumbule ukuba wamxelela nini uThixo ukuba uyakholwa kuYesu.

Igama ________________     Umhla______________

# NJENGOBAWO WAKHO OSEZULWINI, **UTHIXO UYA KUKUTHUTHUZELA.**

NjengoBawo wakho osezulwini, uThixo uya kukunceda ekuphiliseni ukukhathazeka okuvayo ngoku. Ngenye imini uya kuhamba uye kuhlala naye ezulwini. Xa uYesu ebuya esiza emhlabeni, uya kunyanga zonke iingxaki ezibangelwe sisono emhlabeni. Uya kulenza ihlabathi ligqibelele lilunge ngokupheleleyo kwakhona.

Ungathetha naye nanini na nangantoni na. Yila nto ethetha ukuthandaza ukwenjenjalo. Ungathetha noThixo ngezinto ozibhale apha kule ncwadi. Ungamxelela ngezinto ongafuniyo ukuzixelela nabani na ongomnye. Yintoni ofuna ukuthetha ngayo kuThixo khona ngoku?

UThixo uya kuwuva kwaye awuphendule umthandazo wakho. Ingaba le nto ithetha ukuba akukho nto embi enokuphinda yenzeke? Hayi, izinto ezimbi ziya kusoloko zisenzeka ehlabathini lethu. Kodwa ungayazi into yokuba uThixo uya kusoloko enawe. Uthembise ukuba akasayi kukha akushiye (KumaHebhere 13:5). IBhayibhile ikwathi iNkosi ilusizo, ngumncedi wakho. Akudingi ukuba woyike (KumaHebhere 13:6). Thembela kuThixo. Uya kukunceda ukuba uphumele kuyo nayiphi na into.

UThixo ukuthanda kangangokuba wakunika amazwi akhe akwincwadi yakhe ebizwa iBhayibhile. Zininzi izicatshulwa eBhayibhileni eziluncedo xa siphumela kumaxesha anzima. Ungazicengceleza ezi vesi ube sele uzithetha xa uziva ulusizi okanye usoyika. Yiba soloko ukhumbula ukuba uThixo uyakuthanda kwaye ufuna ukukunceda ukuphumela kweli xesha linzima.

- "… A (uThixo) ndiyi kukha ndikushiye." KumaHebhere 13:5
- "INkosi [uYesu] ilusizo lwam; andiyi koyika." KumaHebhere 13:6
- "Nguye [uThixo] kwaphela iliwa lam, umsindisi wam." Indumiso 62:2
- "Usondele uYehova kubo bonke abamnqulayo," Indumiso 145:18
- "UThixo ulihlathi, uligwiba kuthi; ezimbandezelweni ufumaneke eluncedo kunene." Indumiso 46:1

All Scripture quotations are from the Xhosa Bible, Bible Society of South Africa, Copyright © 1975. Used by permission. All rights reserved.

